

Nciphisa iingxaki elusaneni lwakho

- Musa ukusela utywala ukuba uceba ukuba nosana okanye xa ucinga ukuba ukhulelwe.
- Musa ukusela utywala xa ukhulelwe.
- Yitya ukutya okuya egazini.
- Musa ukutshaya xa ukhulelwe.
- Yiya kwiziko lempilo elikufuphi kuwe xa ucinga ukuba ukhulelwe.

**NGOKU UNALO
LONKE ULWAZI,
NCEDA UXELELE
IZIHLOBO NOSAPHO
LWAKHO NGALO**

linkcukacha zoqhagamshelwano

Foundation for Alcohol Related Research (FARR)

Tel: 021-686 2646
email: info@farsa.org.za
Website: www.farr-sa.co.za

Fetal Alcohol Syndrome Information Centre (FASIC)

Tel: 082 5099 530
email: fasinfocentre@mweb.co.za

Pebbles Project

Tel: 072 4722 797
email: sophia@pebblesproject.co.za
Website: www.pebblesproject.co.za

FAS Prevention Study

Tel: 021-938 9345
email: asmarais@sun.ac.za

Medical Research Council

Tel: 021-938 0407
email: sandra.marais@mrc.ac.za

Health Promotion, City of Cape Town

Tel: 021-444 0898
email: rhenolda.davies@capetown.gov.za

Health Promotion

Tel: 021-483 9915
email: Maureen.Mccrea@westerncape.gov.za

Early Years Services

Tel: 021 637 8158
Email: avrilc@earlyyearsservices, co.za

Xa umama okhulelweyo esela utywala ufaka usana lwakhe olungekagalwa engxakini



AKUKHO MLINGANI-SELO WOTYWALA UVUMELEKILEYO XA UMAMA EKHULELWE

Yintoni eyingozi ngotywala?

- Utywala sisiyobisi esinamandla kakhulu.
- Abantu abaninzi basela utywala bengayazi into ebunokuyenza emizimbeni yabo.
- Xa abantu besela utywala, babeka impilo yabo esichengeni.
- Xa umama okhulelweyo esela utywala, ubeka usana lwakhe esichengeni.

Ingaba zonke iindidi zotywala zingabenzakalisa usana?

Ewe. Zonke iindidi zotywala zingabangela ukuba usana luzalwe luneengxaki:

Ibhiya, iwayini, iiciders, iispirits, ispirit coolers, imilk stout, ivodka, ijin, ibranti, iwiski, isherry

ZONKE IINDINDI ZOTYWALA ZINGABANGELA INGOZI.

Kuthetha ukuthini xa kusithwa usela kakhulu?

AKUKHO MLINGANI-SELO WOTYWALA UVUMELEKILEYO XA UMAMA EKHULELWE

Xa umama okhulelweyo esela utywala...

Utywala bungalenzakalisa usana lwakhe. Ukuba njani funda apha ngezantsi:

- Xa umama okhulelweyo esela utywala, utywala buya kanye egazini lakhe.
- Igazi liyabuthwala utywala libuse kanye kusana olungekazalwa.
- Utywala bungawenzakalisa umzimba okhulayo kunye nengqondo yosana olungekazalwa.
- Utywala bungabangela iintlobo ezininzi zeengxaki eliyakuthi luzalwe nazo usana.

Ingaba utywala bungalenzakalisa usana?

- Utywala bungalonakalisa usana olungekazalwa ngendlela ezahlukeyo ngamaxesha awahlukileyo ngexa ukhulelweyo.
- Utywala bungayenza ingozi kwifoetus naphambi kokuba umama azazi ukuba ukhulelwe.
- Utywala bunganobungozi esaneni lude luzalwe.
- Yeka utywala bungekalonzakalisi usana lwakho.

Zeziphi iimpawu zotywala ezibasemzimbeni womntwana

Iimpawu zotywala eziba semntaneni zibaliqela leempazamo ezibangwa kukusela utywala xa umama ekhulelwe.

- Eyona ndlela ikhuselekileyo yokusindisa usana lwakho kukuba ungaseli utywala xa ukhulelwe.
- Ukuba ufuna uncedo ukuze uyeke ukusela utywala, thetha nomsebenzi wezempilo kwiziko lempilo. Angaba neendlela zokukunceda